#Unite Behind

#UniteBehind Umzantsi Afrika onobulungisa nolinganayo. Ukulwa oku, iqela le-ANC malihlise uMongameli Zuma. Isivumelwano seNuclear masicinywe. **#UniteBehind** zimanye nombutho wokukhupha urhwaphilizo kurhulumente nakumashishini.

Phambili ngoMzantsi Afrika apho abantu befumana isabelo sokutyebi belizwe.

#UniteBehind yamkela wonke umntu oxhasa iimfuno zabo noba loluphu uhlanga okanye umgangatho. **#UniteBehind** ihoya kakhulu abantu abaNtsundu (abeBala namaNdiya) abakumgangatho ophantsi nenkokheli ezingamabhinqa.

#UniteBehind zimanye nento ebalulekileyo kuwe.

@UniteBehind **UniteBehind** **#UniteBehind**

#Zimanye nombono woMzantsi Afrika onobulungisa nolinganayo

Umzabalazo wethu ngowe Mzantsi Afrika elinganayo kuphela – inkululeko apho abantu bafakwayo kwizigqibo ezichaphazela ubomi babo.

Urhulumente kufuneka onyulwe, avuleleke, athembeke, aziphathe kakuhle kwaye abeluncedo eluntwini. Kufuneka abeke imfuno zabantu kuqala. Oku kubheksa nakubani onoxanduva okanye onamandla ekuhlaleni. Kodwa urhulumente nguye oyalela ubutyebi endaweni yethu, yilonto kufuneka abengu mzekelo.

Eminyakeni, amaqumrhu, imibutho, umanyano, abahlali, kunye namakholwa, zabiza umahluko eluntwini, kwinkcubeko naku butyebi belizwe phantsi kwezimfuno:

Ubuchule, norhulumente othembekileyo buyafuneka ukuqinisekisa ukuba:

- Wonke umntu kwilizwe lethu uziva ekhuselekile kuzozonke indlela zobudlobongela nakwindlala.
- Imfundo ukusuka kubamanga aphantsi ukuyotsho edyunivesithi isimahla, ayina bukoloniyani, iyalingana, yeka wonke-wonke, ikumgangatho ophezulu.
- Zisimahla izibonelelo ezihoya abantwana kwaye ziyafumaneka kumntu wonke ozidingayo.
- Ezempilo ziqinisekisa ukuba wonke umntu ufumana uhoyo nempatho ekumgangatho njengelungele lakhe, kuhoywe kakhulu abagula sisifo sephepha, ngugawulayo, izigulo zengqondo, nezinye izifo ezingapheliyo ezibulalayo.
- Wonke amabhinqa, amantombazana kunye nabankhwenkwe akhaselekile kudlwengulo nabuphina ubudlobongela obudibene nesini.
- Abantu abanesini esinye abathandanayo mabanambithe inkululeko nokulingana.
- Ubuhlanga noba bakhiwe okanye bubuqu bugqalwe kwaye bukhutshwe ngaphandle.
- Abafuduki, abaphambuki, nabafunduka ngezizathu umzekelo ngenza yemfazwe okanye ezopolitiko kumazwe wabo mabaphile ngesidima.
- Lonke ukutsha lufikelele kwinkcubeko, ukuzilolonga nakwezemidlalo njenge lungelo.
- Iidolophu maziqashe imigaqo-nkqubo yemihlaba ukuphelisa ukuhlala ngobuhlanga nangomgangatho wengcinizelo.
- Yonke imigaqo-nkqubo yemihlaba ,ezidolophini nasezilalini , zibenobulungisa, kulungiswe ubugwenxa obenziwa kubantu abaNtsundu, abeBala, nakumaNdiya, kakhulu kakhulu kubantu abasokolayo.
- Kuphuculwe imbacu kwaye abantu baqinisekisweizindlu.
- Indalo yethu neentlobo ngentlobo zendalo ikhuselekile ukuqinisekisa ukusebenza kwe-ekhosisitimi nokuqhubeka kobomi.

Uluntu lwethu lelona lungalinganiyo kwihlabathi lonke lunengxelo ephezulu yabantu abanga sebenziyo, ingakumbi ulutsha oluNtsundu nabeBala. Intsapho zethu nabantu banemithwalo yamatyalakazi. Ezimfuno nganye zifuna utshino kwindlela ekusetyenziswa ngayo uqoqosho nobutyebi.

Siyayiqonda uqoqosho lwethu ngumba okumkhosi ehlabathini nakwinkampani ezinkulu. Lo mkhosi angoyiswa kodwa urhulumente, amaqumrhu, imibutho, iimanyano, namaqela ezopolitiko mabazimanye.

Njenge nxalenye yalomzabalazo urhulumente nosomashishini boMzantsi Afrika mabaqinisekise ukuba:

- Abasebenzi bafumane umvuzo wokuphila futhi kubekho amathuba engqesho.
- Njengo kuba omatshini bethatha indawo yemisebenzi, siqhubela kwimivuzo yenkxaso-mali yehlabathi nesabelo sehlanathi.
- Sinobulungisa nengomso yombane ezinzileyo ngokwe-sola, umoya, nobutyebi obunokuhlaziywa.
- Urhulumente ukhululekile kwibambo lecandelo likawonke-wonke nalabucala lorhwaphilizo.
- Iirhafu kubatyebi nakwimali esuka ehlabathini inyuse ingeniso mali karhulumente ukwehlisa amatyala nokuphuhlisa ubutyebi.
- Izaphuli mthetho nabarhwaphilizi bemali isuka eMzantsi Afrika bezinkampani okanye abantu mabohlwaywe.
- Uhlanga olunye nodidi olunye lwabantu lususwe kulwahlulo lobutyebi.

Uxanduva lethu thina bantu, zintsapho nemibutho kufuneka sakhe:

- Usapho apho umntana, ibhinqa nendoda ixabisekile kwaye ehloniphekileyo.
- Amakhaya ethu, izikolo, emisebenzini, kwindawo yokuzilolonga, kwezemidlalo, kwezenkcubeko, kwindawo zonqulo, nakumakhasi oqhagamshelana bakhululeke kwimisindo, ungabi nabulungisa, ukungalingani, ucalu-calulo nokuphathwa ngamadoda.
- Uluntu apho abantu kakhulu inkokheli kuqwalaselwa amalungelo namandla wabo kwinto zonke. Ukungcwala kohlanga, kwesini, kodidi, kobuzwe, kwesakhono, kolwimi, nakwi mfundo mayikhwatywe sithi sonke.

Sifuna ukuxoxa nokuphuhlisa lombono. Imibutho eyohlukileyo ayinokwazi ukulwa lemiqobo. #UniteBehind mayibe yindawo yemibutho nentshukumo kodwa kulinganwe kuxoxwe kuphikiswe ngesidima.

Misa isivumelano se-Nuclear

Isivumelwano se Nuclear ebesiphakathi kuka Mongameli u-Zuma nelizwe lase Russia siye samiswa kwinkundla ePhakamiliyo yeMpuma Koloni (Western Cape High Court), sibulela umsebenzi we Earth Life kwakunye nombutho oyi Southern African Faith Communities Environment Institute. Inkundla ephakamileyo yeMpuma Koloni iye yakhupha isigqibo sokuba isvumelwano se Nuclear asikho sesmthethweni kwaye asihambelani noMgaqo Siseko woMzantsi Afrika ngoba akuzange kulandelwe imiqathango eyiyo ekuthatheni esisigqibo.

Nangona kunjalo nje lomba awupheleli apho. URhulumente uzimisele ukuqhubeka nesisivumelwano se Nuclear kwaye uRhulumente uthi uzakulandela imiqathango eyiyo ukuze esisivumelwano siphumelele.

Izithili ezisibhozo zeNuclear ezicebiweyo zakubiza ngapha kwe-trillion kwaye izotshonisa ilizwe kumatyala. Sizokutyala imali iibhanka zehlabathi namaziko izizukulwana ngezizukulwana. Izifundo zikarhulumente zonke zibonakalisa singangeyo mfuneko esisivumelano seNuclear.

Ubungqina bubonakalisa ukuba i-Nuclear ibiza kakhulu, nenye into kucocekile, kukhuselekile, kwaye kunemithombo evuselelekayo yemibane efana nesola nomoya zonceda uqoqosho lokuhlala.

Kutheni uMongameli Jacob Zuma efuna isivumelwano se-Nuclear neRhashiya? Lemfihlo yesivumelwano ithetha ukuba uJacob Zuma , inkokheli ze-ANC ezirhwaphilizayo, abahlobo nezalamane zakhe zizonyotywa. UZuma nabaphathiswa kunye neGuptas sebeyi khohlisile iPalamente, i-ANC, i-COSATU kunye neSACP ngesivumelwano seNuclear. Abaphathiswa ababini bezemali, NNhlanhla Nene noPravin Gordhan kunye nabanye bangxothiwe kuba bethe ilizwe alinakho ukuthenga i-Nuclear.

Ukuba uMongameli uvumelekile aqhube nesisivumelwano, akuzubakho mali yoneleyo yokuhoya ezinye izidingo namalungelo esivumelane ngazo nenkqubo zikarhulumente ukusuka kwezempilo ukuyoma kwezococa izitalato, iingxaso, imfundo nezinye zizorhoxiswa. Urhulumente uzoxhomekeka kakhulu ukubamba ucwangco kumapolisa. Ngoko amaqela ezopolitiko wonke ne-ANC mabalumkile abatyali mali ukuba akukho mali bazoyifumana emva kolonyulo luka 2019.

Sifuna ukuxoxa nokuphuhlisa lombono.

Imibutho eyohlukileyo ayinokwazi ukulwa lemiqobo. #UniteBehind mayibe yindawo yemibutho nentshukumo kodwa kulinganwe kuxoxwe kuphikiswe ngesidima.

Lemibutho namaqumrhu alandelayo ayazimanya nalombono:

Alternative Information and Development Centre, Centre for Environmental Rights, District 6 Working Committee, Equal Education, Equal Education Law Centre, Environmental Monitoring Group, Financial Sector Campaign Coalition, Ndifuna Ukwazi, PHA Food & Farming Campaign, Right 2 Know, SAFCEI, SA First Forum, Save SA, Section 27, the Social Justice Coalition, Sonke Gender Justice, the Treatment Action Campaign, Triangle Project, Trust for Community Outreach and Education, the Women and Democracy Initiative and the Women's Legal Centre

Ukubelana ngobutyebi

Inani eliphantsi labantu baseMzantsi Afrika bazizinhanha ngelixa uninzi luhlupheka. iShumi le pesenti labantu lilawu ngabanikazi bobutyebi obunganga mashumi alithoba anantlanu. Uninzi lelishumi ngabamhlophe. Ikota yemizi abafumani into etyiwayo ngokwaneleyo ngelixa abaninzi bezabalaza ukubhatala amatyala. Ukungalingani okungako akululungelanga ilizwe.

Ukungalingani komphakathi onjengo wethu, kuninzi ukugula ngokomzimba nangoko mphefumlo, ubundlobongela, nama nqaku ezibalo nezifundo kubantu abatsha, nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, uninzi luyakhululwa luselutsha naba nabanzi bayavalelwa ejele. Abahlai abathembani lontoiyenza nzima ukuba nemigomo efanayo abasebenzisana ngayo.

Jacob Zuma sisikhubekiso ekwakheni ubutyebi nase kwabelaleni ngabo. Okubandakanya umnotho kufuna ulawulo leebhanki zehlabathi , amaziko ezimali kunye neenkampani. Ezi nkampani zithatha imithombo nobutyebi bamazwe ase Afrika, Asia, Caribbean nase Latin Amerika obakhiwe ngamakhoboka phantsi kobukoloniyani base Europe behlabathi.

Abantu abamhlophe bangcwele kwimibutho yaseMzantsi Afrika kulemihla bajonga kakhulu ubutyebi bukarhulumente nobemanyano. Kufuneka inguquko kwezinkampani ukuqinisekisa ukuba ziphuhlisa ubutyebi kuba baveza imisebenzi nerhafu. Iimali zokuhlala phantsi zabasebenzi mazityalwe kulemibutho nengqubo mayiqinisekise ngokhuseleko.

Imihlaba mayibuyiswe ezilalini. Xa umhlaba ufunyanwa ngumfama omnyama esuka komhlophe, makubekho imali yokuphuhlisa nokusasaza iziqhamo zokulima. Abantu abaNtsundu abaninzi abanayo inkunzi yokwenza lento. Inkxaso mali karhulumente iyadingeka. Xa umhlaba wasezidolophini ebuyiswa nakuqinisekiswe uluntu imvisiswano, uqoqosho lukhule, kukhuseleke, konwatywe ezidolophini, iibhiloyoni zerandi kofuneka zakhe amakhaya angcono, iikliniki, nezikolo. Urhulumente angakwenza oku xa efikelela kwingeniso yemali. Imeka yobuvuvu norhulumente kaMongameli kaZuma izochitha ubutyebi nengeniso.

Sidinga ukubuyisa ubutyebi sakhe uluntu olugcono apho wonke umntu eMzantsi Afrika efumana amathuba alinganayo okuziphuhlisa.

Imfundo esimahla, engena bukoloniyani, kawonke-wonke, ekumgangatho ophezulu nelinganayo

UMacheal Komape wasweleka xa wayetshone kumgodi kwindlu yangaseseesikolweni eLimpompo. Kuzwelonke zimiliyoni zabafundi ezisokola ukufumana indlu yangasese ecocekileyo. KwaZulu Natala amakhulu amawaka abafundi ahamba ngenyawo ukuya ezikolweni into engapha kweyure. Izikolo kwelaseMpuma Koloni ezingena manzi okanye abathengi abathembekileyo ngamawaka amabini. Ngumyinge wamashumi asibhozo amantombazana aseRhawutini ezikolweni asokolo ukufumana iziqhamo ze-sanitary ezikolweni. ENtshona Koloni ngumyinge wamashumi alithoba abafundi abafumana ubudlobongela bentlobo zonke. Ootishala abaninzi abalungeleyo, bayasokola ukufumana imisebenzi phantsi kwezimeko ngelixa abangaqeqeshwanga besebenza. Kwidyunivesithi zethu, abafundi abasuka kumakhaya angathathi ntweni bayalamba, bafunda ngaphandle kwencwadi zesikhookelo kwaye balala kumathala encwadi.

Iimfuno zethu yimfundo esimahla, kawonke-wonke, ekudidi oluphezulu, elinganayo ngumzabalazo obalulekileyo kubantu bonke abaNtsundu, abeBala, namaNdiya kodwa kakhulu kakhulu kwintsapho ezihluphekileyo.

Urhulumente okhokelwa nguMongameli Jacob Zuma onobuqhopholo nengcantswana lakhe le-ANC lizakusiphoxa luvimbe izizukulwana ngezizukulwana ulwazi nobulungisa.

Ukhuseleko, umgaqo-nkqubo nobulungisa

Emakhaya, ezitalatweni,ezinkonweni, kololiwe, ezivenkileni okanye kumashishini amancinane, kunye nendawo zabantu abaNtsundu nabeBala abahlala kuzo zinobungozi. Asilutho kwaye asikhuselekanga xa sisebenzisa amagumbi angasese kawonke-wonke okanye amahlathi. Ukungabikho kwezibane zendlela, iindlela, izindlu, ezemidlalo nezakhiwo ezakha umphakathi owonwabileyo ayihambisani nomgaqo-siseko.

Ngonyaka ka 2014 iKhayelitsha khomishini yophando yamapolisa yafumanisa ukuba “Abahlali abakwindawo ezihlelelekileyo kummandla oseKapa abasenembobo zocinizelwa basasilela emvakwe minyaka engamaShumi-amabini wenkulueko.”

Eziziphumo zekhomishini azinakwa. AmaPolisa oMzantsi Afrika abhengeza imfuno zawo zokuchitha izigidi kwisakhiwo sesikhululo samapolisa esitsha sase Muizenburg, unintsi lwayo ngabaMhlophe, engena ndlame lubhekephi nengekho kufuphi neCapricon okanye Vrygrond (ezona ndawo zindala zogobityholo eKapa). Asihambisani nale.

Mongameli Zuma ubutshabalalisile ubukhokeli bokulwa ubundlobongela kwi SAPS, nosekwaba nguno madukudwana(Scopions), iHawks, nayo yonke National Prosecuting Authority, ne SA Revenue Services ukuzikhusela yena noogxa bakhe abazizinhanha negcuntswana arhwaphiliza nalo kwi ANC. Babe okanye bachithe izigidi-gidi kwi SAPS ne NPA. Uvumele urhwaphilizo lwakhe luqhubeke ze thina sisheke sisesichengeni singakhuselekanga.

Ubulungisa bemihlaba yedolophu

Ubu Koloniyali nocinizelo baxutha abantu abanNtsundu, abeBala namaNdiya. Kunamhlanje idolophu zethu zahlukahlukene kwaye abaphangeli bahlala kude kwindawo abasebenza kuzo ngaphandle nkonzo.

Imvume kulawulo nasekusetyenzisweni komhlaba osembindini wedolophu ezinkulu nakwi kwidolophu ubukhulu becala busekwizandla zabaMhlophe. Uninzi lusahlala ematyotyombeni, lusanxusile abanye baphakathi edolophini ngaphandle kwelungelo lomhlaba okanye lekhaya.

Kwidolophu zethu ezonakeleyo nezahlukanayo zikhuthaza intlungu kwezomnotho kuluntu, incitho karhulumente notshabalalisa indalo nezithembiso zobomi obunesidima kumntu wonke.

Unhlaba obangwa ngurhulumnete eSea Point, eWaterfront nase nasembindini dolophu uthengiselwa amashishini wezinhanha zabaMhlophe. Izwelonke, iphondo nesixeko sinetyala longanikezeli ngomhlaba kwaba bamdingayo. Abathengisi zindlu abarhanelwa ngorhwaphilizo okanye indyebo eKapa axhaphakakile, njenge ndawo zonke. Kutsha nje iNkulumbuso uHelen Zille uthufele ebusweni abasenzi abaNtsundu nabeBala ngelaxesha engavumi ngeTafelburg High School eseSea Point isetyenziswe njengendawo yohlala efikelelekayo. I-Tafelberg ibonakalisa ukuswela ubunkokheli,nokubonakalisa umdla nokudlisela ngamandla. Tafelberg iqinisa ubukoloniyali nengcinizelo yokulawula umhlaba kunye nezishiqi zeNkulumbuso uHelen Zille mele kungavunyelwa livuseleleke.

Ukuqheleka kondlwengulo

Ukuqheleka kodlwengula ekuhlaleni kuyatshabalalisa. Omnye kwababini basetyhini kuvamile uba badlwengulwe ebomini bakho. Amashumi amahlanu anesihlanu amawaka ngamatyala esondo asiwa ngaphambili ngabasetyhini naba ntwana qho ngonyaka. lingcali nabaphandi bathi lamanani okwenene angaphezulu kwethoba.

Inkoliso yabadlwenguli ayizuya ejele. Uninzi lwabasetyhini bayabethwa okanye babulalwe ngamaqabane abo. Umyinge wamashumi amane amadoda aseMzantsi Afrika bayangqina ukuba banobundlobongela kumaqabane abo abasetyhini abangumyinge wamashumi amahlanu anesihlanu bayatsho ukuba baya bethwa ngama krexe abo. Inani labasetyhini ababulawa ngama qabane abo liphindaphindeke kathandathu kune avareji yehlabathi. Amapolisa awakwazi ukuthintela ukudlwengula kodwa aphinde oyisakale ukwenza uphando, uninzi lwezidlungu luphuncuke kubulungisa.

Urhulumente kumele adlale indima enkulu. okokuqala kumele anikezele ngenkonzo ezincedana namaxhoba ahlukunyeziweyo. Okwesibini urhulumentu kumele aqiniseke ngokwazisa abantu noba fundisa kwisigaba nesigaba soluntu sifumana inxaso. Imigaqo yopupatriyakhi nezithethe ezijongela phantsi inkululeko, ukhuseleko, ukuhlakanipha ngokwasengqondweni kwabasetyhini mabususwe. Lento ibandakanya namagunya angasetyenzelwanga enkosi zesiNtu ezingaphathi omama ngokulingana. Ubulungisa kumaxhoba odlwengulwa bunganqotywa ngokwemfanelo,gender-sensitive police naba tshutshisi.

Konke oku kudinga isicwangciso qhinga sikazwelonke esiqingqwe kakuhle saqinisekiswa ngokusebenza ngokwempumelo ngokubambisana nabahlali. Indima yabahlali kukuphelisa inzolo enqunge lomkhuba wokudlwengula noku nceda amadoda, oomama nabantwana babe nempilo nobudlelwana obulinganayo.

Ubuvuvu boqoqosho kuthetha ukuba sizokuba sematyaleni singakwazi ukubolekwa kuba singathenjwa

Amatyala azizsa intlupheko ebantwini babezizicka zomashonisa,neebhanki. Asikwazi ukuhlawula ukutya okunezinga, izindlu, impahla, impilo nazo zonke ezisidingo sabantu ukuba baphile impilo enesidima. Amakhaya angathathwa, amakhadi okhuseleko loluntu angabiwa ngababolekisi kwaye nabaninina osebenza ezi fam ansemakhitshini nootitshala okanye oonesi bangaphela bebhatala amatyala. Abafundi abanongafuma nalo msebenzi bazibona bebhatala amatyala.

Ukuba asikwazi kubhata siphela sivalwa isimo sezimali zethu siphela singakwazi uboleka okanye sibhenele komashonisa abazakusithathela ukutya etafileni or benze ubundlobongela.

Norhulumente naye uyaboleka ngokubanzi, lento ingayinto entle ukuba ityalla liphethwe kakuhle kwaye lisetyenziswa ekutyalweni kwezakhiwo eziquka iindlela, izindlu, izikolo,ezothutho nezococeko, novuselelo lwamandla.ukusukela ngo 2008 intlekele yezoqoqosho ekulahlekelweni kwabantu yimisebenzi kurhulumente ukulungisa imboleko ezakutylwa kwizikhiwo zophuhlisa. Kwanga xesha nye izigigi-gidi zabiwa zinkampani ezinkulu nosomathenda. Ukubhatalwa kwamatyala yinto enkulu kuhlelo mali lika zwelonke.

Kwezasekhaya nangaphesheya iibhanki okanye amaziko omnotho banika urhulumente imali mboleko enenzala ethe xhaxha ngoba ilizwe loMzantsi Afrika lisengozini yamatyala. Umongameli Jacob Zuma ubonakalise ukuba yena neqela lakhe kwi ANC basebenzisa uNongxowa namashishini aphantsi kukarhulemente njengawabo. Ugxothe abaphathiswa abenexanduva nezisebenzi zoluntu ebezingahambisani norhwaphilwizo kunye nokuqhutyelwa phambili nesivumelwano Russia seNuclear esibiza isigidigidi (1 trillion). Ngoku amaziko ehlabathi urhulumente ebeboleka kuwo awuvalile uMzantsi Afrika kwaye kunyanzelekile sibhatale. Irandi yeli iphulukane nexabiso kwaye nezinto zenyukile.

Ukunyuka kwamaxabiso kuthetha ukuba amaxabise ezinto zonke ayanyuka ukusukela kwi petrol nezonka ukuya koomatshini uMzantsi Afrika athatha kwamanye amazwe. Izigidi zabantu abangaphangeliyo zizokongezwa ngabobazaphulukana nemisebenzi yabo. Abantu abasenebenamatyala bazakubhatala inzala ethe xhaxha. Ngalo ndlela umongameli Zuma uwubhekisele phantsi umnotho kwaye uzama ukuyiquma ngoshumayela (radical economic transformation) . uMzantsi Afrika sewuvaliwe.